

Yiyiphi Inyaniso Ngokuphathelele UThixo? —Inxalenye 2

Isekelwe kwisahluko 1 sencwadi ethi, *Yintoni Ngokwenene Efundiswa YiBhayibhile?* efumanekayo ku-www.jw.org/xh.

INJONGO: Ukuhlolisa oko ukukholelwayo, isizathu sokuba ukukholelwe, ukuhlola oko iBhayibhile ikutshoyo nokubona ukuba ungazicacisa njani iinkolelo zakho kwabanye.



NGABA INOKWENZEKA INTO YOKUBA UBE NGUMHLOBO KATHIXO?

1 HLOLA IINKOLELO ZAKHO

Kutheni abanye abantu benokuthi ayinakwenzeka loo nto?

.....

Kutheni nje abanye benokuthi inokwenzeka?

.....

Yintoni oyikholelwayo *wena*?

.....

Kutheni uyikholelwa nje?

.....

2

HLOLA OKO KUFUNDISWA YIBHAYIBHILE

UThixo ufuna silazi size silisebenzise igama lakhe.

(Funda isahluko 1 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 14-17.)

Funda INdumiso 83:18.

Lo mbhalo usibonisa njani ukuba uThixo ufuna simazi?

.....
.....
.....

Ungawuzekelisa njani umahluko phakathi kwesibizo negama lomntu?

.....
.....
.....



Umntu anganezibizo eziliqela, mhlawumbi kuthiwe ngutitshala, ngumyeni okanye ngutata. Kodwa eyona nto imchaza kakuhle ligama lakhe. Ngokufanayo, uThixo unezibizo eziliqela njengoBawo, iNkosi okanye uMdali. Kodwa ligama lakhe elithi Yehova elona lisikhumbuza ngaye

UYehova ufuna sisondele kuye.

(Funda isahluko 1 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 18-24.)

Funda iZenzo 17:27 noYakobi 4:8.

Le mibhalo isibonisa njani ukuba uYehova ufuna ukuba ngumhlobo wethu?

.....

.....

.....

Funda iEksodus 34:6 neyoku-1 kaYohane 4:8, 16.

Ucinga ukuba siyintoni isizathu sokuba uYehova eye wasichazela ukuba ungumntu onjani?

.....

.....

.....

Kwiimpawu zikaYehova, ziziphi ezona *uzithandayo*?

.....

.....

.....

Ukwazi ukuba uThixo ufuna sazi igama lakhe size sisondelelane naye, kukwenza uzive njani?

.....

.....

.....

.....

3

CACISA IINKOLELO ZAKHO

UKUBA UMNTU UTHI . . .

Mnye qha uThixo okhoyo, ngoko ayinamsebenzi indlela esimbiza ngayo.

UNOKUPHENDULA UTHI . . .

Ewe kona mnye qha uThixo oyinyaniso. Kodwa ndikholelwa ekubeni kubalulekile ukwazi igama lakhe ngoba . . .

.....
.....

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

.....

Kutheni uwuthanda nje lo mbhalo?

.....

UKUBA UMNTU UTHI . . .

UThixo uhlala elugcwabevu ngumsindo—inye nje into afuna ukuyenza kukusohlwaya.

UNOKUPHENDULA UTHI . . .

Zininzi iicawa ezifundisa oko. Kodwa mna anditsho kuba . . .

.....
.....

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

.....

Kutheni uwuthanda nje lo mbhalo?

.....